# Tabata! Naso Isitshixo!! Esikinxe Izwe Lako!!!

*I Duteronomi 30: 1—14.*

**(Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto.)**

Halahoyi ma Afrika nalo ke ivumba
Linukisa okwenyoka yomhlaba—
Yona yazi ubugqi base Myezweni
Inzwana yento elale matafeni.

Bona ke namhlanje ndifun' uqondile
Mfo wakowetu nantso ke intlekele
Tabata naso Isitshixo uvule
Kweso sahluko nene sotsho uzule.

Watshixwa! Afrika ngamakamandela
Kuba kaloku uyiposil' indlela
Ovuke emini akabonanganto
Sekulila obawo singaziluto.

Kwatsha ezinkomeni nase bantwini
Kwane Zwi lika Tixo liseluhlwini
Wat' umntu obawo abasalali ndlwini
Nalo itye nentunja lasesilungwini.

Saqala ngokuhomba sisekulweni
Kanti nants' Intshutshiso ezicaweni
Latsho izwi kwanini Afrika uyafa
Bapika bapiki besiti unga—fa.

I Duteronomi iyanikanyisela
Iti "Buyani" senifile kwapela
Wenani ke! Inibiza ngamaxonke
Hom! Mazijike simenywa ngako konke.

Namhla izwi letu lisezaq'witini
Sishiywe yimfundo iselutulini
Yayingati ipungula imitwalo
Yeza nenzima ke kodwa imitwalo.

Masiputume ke "Idyasi" zo bawo
Kuwo amazwe ezashiyeka kuwo
Kudala sifuna sicande amazwe
Ngexesha lendlala nexesha lemfazwe.

Yiva ndikutyele ngwevu yakowetu
Nandzo ke intloko kulongxoxo yetu
Naso nesi "Tshixo" esikinxe Izwe
Kudala sifuna siqqibe amazwe.

Nezityebi namagcisa ez' tyudeni
Sesesisa esos' Tshixo silingeni
Siti yekani nokucanda Ilwandle
Sona silapa asiko le—Elwandle.

Siti akako noyakuhlala Pezulu
Sona silapa nani nizizik'ulu
Ngomhla wokuhluzwa kwaba Porofete
Zonke ke Ilwimi zina ba Profete.

Siti nga "Ubuye" noko ungakolwayo
Woyisiwe konke zinto ezikanyayo
Uye kwezomini ulilela zona
Ukuba ngazo ke watin' u Ntsikana.

Kuyasa!!